



VAKALISA ULUVO LWAKHO! ISICWANGCISOBUCHULE ESIYILWAYO ESINGOKUHAMBA NGEENYAWO NOKUKHWELA IBHAYISEKILE

ISixeko saseKapa simema uluntu nabathathinxaxheba ukuba bahlomle ngesiCwangcisobuchule esiyilwayo esingokuHamba ngeeNyawo nokuKhwela iBhayisekile.

Esi sicwangcisobuchule saye saqulunqwa phantsi komxholo womthetho, imigaqonkqubo kunye nezicwangcisobuchule kwinqanaba lesizwe, lephondo nelengingqi elixhasa ngamandla utyalomali kuphuculo lwabahambi ngeenyawo nabakhweli beebhayisikile ukukhuthaza ukufikelela kumathuba kunye nokudityaniswa kwezithuthi nokusetyenziswa komhlaba. Ukuqulunqwa kwesi sicwangciso kwakhona kusekelwe kuphononongo loncwadi apho iindlela ezigqwesileyo kunye nezicwangciso eziyimpumelelo zokumisela uzinzo lwezothutho olusebenzayo emhlabeni jikelele zaye zaphandwa. Olu phononongo luqwalasele iimbono eziphuma kumazwe ngamazwe, eAfrika kunye nakwizixeko zaseMzantsi Afrika ukuze kumiselwe isakheko seendlela ezilungileyo zehlabathi zozinzo lwezothutho olusebenzayo.

Esi sicwangcisobuchule sijolise ekubekeni ngokutsha ukuhamba ngeenyawo nokuKhwela ibhayisikile njengeendlela zezothutho zokuqala, ezikhuselekileyo, ezifikelekayo nezizinzileyo eKapa. Oku ke ngoko kufuna iinguqu kwigama elithi ezothutho olungezizo iimoto ibe zezothutho oluzinzileyo, eliligama elitsha lohambo oluqhutywa ngabantu njengokuhamba ngeenyawo nokuKhwela ibhayisekile.

Isicwangcisobuchule luhlaziyo nokutshintshwa kwesiCwangcisobuchule sokuKhwela iBhayisikile esaphunyezwa ngo2016 kunye nesiCwangcisobuchule esiyilwayo sezoThutho olungezoMoto (NMT) (2017), kwaye sixhasa kwaye silungelelaniswe nesiCwangciso soPhuhliso esiHlanganisiweyo (IDP), isiCwangciso sezoThutho esiBanzi esiHlanganisiweyo (CITP), isiCwangcisobuchule soTshintsho lweMozulu kunye noMgaqonkqubo wokuFikelela koMntu wonke.

Umbono wesicwangcisobuchule sokuhamba ngeenyawo nokuKhwela ibhayisekile uye waqulunqwa ukuxhasa umbono weCITP yeSixeko kwakunye neIDP, kwaye ufundeka ngolu hlobo: "IKapa sisixeko esigxile ebantwini esibeka phambili ukuhamba ngeenyawo nokuKhwela ibhayisekile kwaye senze ukuba wonke umntu akwazi ukufikelela kumathuba ngokukhuselekileyo, ngokulinganayo nangokundilisekileyo".

Ngokwecandelo 17 loMthetho wobuRhulumente boMmandla ongeeNkqubo zikaMasipala, uMthetho 32 ka2000, uluntu kunye nemibutho okanye namaqela anomdla lunikwa ithuba lokungenisa izimvo, izindululo okanye iimbono kumasipala ukususela ngowe14 kweyeNkanga (Novemba) 2024 ukuya kowe14 kweyoMnga (Disemba) 2024.

Izimvo, izindululo kunye neembono zingangeniswa ngolu hlobo lulandelayo:

- Ngeimeyile: urbanmobility.CT@capetown.gov.za (bhala iriferensi: 110242503)
- QR khowudi: Skena iQR khowudi ukuze ungenise izimvo zakho ngeintanethi okanye ungene ku www.capetown.gov.za/haveyoursay
- Izimvo ezibhaliweyo zingangeniswa: Kumabhungana engingqi, kumathala eencwadi engingqi okanye: kwiSixeko saseKapa, iYunithi engokuThatha inxaxheba, Foyer H, umgangatho we3, eKapa eCivic Centre, 12 Hertzog Boulevard, eKapa 8001 (ubhale iriferensi: 110242503)
- Iwebhusayithi: www.capetown.gov.za/haveyoursay

IYunithi yeSixeko yeNtathonxaxheba yoLuntu iyakuthi incedisane nabo bantu banganakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo baphuma kumaqela angathathintweni abanganakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo, ukuba izimvo zabo ezichasayo zibhalwe kwaye zingeniswe kwiSixeko. Qhagamshelana noZandile Mahlasela kuZandile.Mahlasela@capetown.gov.za okanye 021 400 5501.

IsiCwangcisobuchule esiyilwayo esingokuHamba ngeeNyawo nokuKhwela iBhayisekile kunye nesishwankathelo esifutshane siya kufumaneka ukuze sihlolwe:

- Kwiwebhusayithi yeSixeko saseKapa: www.capetown.gov.za/haveyoursay
- Kuzo zonke ii-ofisi zamabhungana nakumathala eencwadi

Ngemibuzo yezobuchwepheshe qhagamshelana noDirk du Preez ku021 444 3805.

